Ukubala utsiba	Amaqela alinganayo	Ukudibanisa okuphindwa kaninzi	Izintlu	Iinyaniso

6 × 4 = 24

Ukubala utsiba	Amaqela alinganayo	Ukudibanisa okuphindwa kaninzi	Izintlu	Iinyaniso

1 2 3 4 5 6 7 8 9 10

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 42 2014/06/24 3:19 PM

3 Yahlula uze uvavanye impendulo yakho.

$63 \div 3$ $= (60 + 3) \div 3$ $= (60 \div 3) + (3 \div 3)$ $= 20 + 1$ $= 21$	21×3 $= (20 + 1) \times 3$ $= (20 \times 3) + (1 \times 3)$ $= 60 + 3$ $= 63$
a. $48 \div 5$	
b. $64 \div 5$	

4 Bala okulandelayo:

Mna nabahlobo bam sinama-R63 iyonke.
Sifuna ukwabelana ngayo ngokulinganayo phakathi kwethu sobathathu.
Uza kufumana malini emnye?

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 43 2014/06/24 3:19 PM

86

Umhla: .....

Tipatheni zamanani: izithathu ukuya kuma-800

1 Ungathini ngamanani akwiibloko ezinombala o-orenji?

Bala ngezithathu ukusuka kuma-703 ukuya kuma-799. Ngubani inani elilandela ama-745 xa ubala ngezithathu?

Bala ubuye umva ngezihlanu ukusuka kuma-799 ukuya kuma-703. Ngubani inani elikhokela ama-766 xa ubala ngokubuya umva?

701	702	703	704	705	706	707	708	709	710
711	712	713	714	715	716	717	718	719	720
721	722	723	724	725	726	727	728	729	730
731	732	733	734	735	736	737	738	739	740
741	742	743	744	745	746	747	748	749	750
751	752	753	754	755	756	757	758	759	760
761	762	763	764	765	766	767	768	769	770
771	772	773	774	775	776	777	778	779	780
781	782	783	784	785	786	787	788	789	790
791	792	793	794	795	796	797	798	799	800

2 Gqibezela izibalo zolandelelwano lwamanani.

703; 706; 709; ____; ____; ____	799; 796; 793; ____; ____; ____

3 Dibanisa okanye thabatha ezintathu.

a. 766 + 3 = 769

1. Dibanisa zibe ntathu kwinani olinikweyo. Sikwenzele eyokuqala.

b. 766 ____	c. 783 ____	d. 756 ____	e. 713 ____	f. 790 ____

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 44 2014/06/24 3:19 PM



2. Thabatha ezintathu kwinani olinikiweyo. Sikwenzele isibalo sokuqala.

a. 766 – 3 = 763

b. 763 ____	c. 789 ____	d. 756 ____	e. 713 ____	f. 799 ____

3. Kwenzeka ntoni xa udibanisa okanye uthabatha ezintathu kumanani angasentla?

_____

Jonga izangqa ezizuba kwibhodi yamanani.

a. Uqaphela ntoni ngezi zangqa? _____

b. Yandisa izibalo zolandelelwano lwamanani ezilandelayo:

704; 707; 710; ____; ____; ____

773; 776; 779; ____; ____; ____

779; 776; 773; ____; ____; ____

782; 785; 788; ____; ____; ____

779; 782; 785; ____; ____; ____

Faka inani elichanekileyo kwisangqa ngasinye kule migca-manani.

a.



b.



Ndinenani elinamanani ama-3:

Inani lokuqala sisi-7, inani elilandelayo likhulu ngesibini kunesixhenxe, lize inani lokugqibela libe lincinane ngesixhenxe kunesixhenxe.
Bala ngezithathu usiya phambili ukusuka kweli nani. Ufumana eliphi inani?

_____

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 45 2014/06/24 3:19 PM

87

Umhla:

Ukuphinda-phinda: ngezine ukuya kuma-75

Yintoni efumaneka ngezine?

Amavili emoto?

Mangaphi amavili alapha

Imoto e-1?
Iimoto ezi-2?
Iimoto ezi-3?
Iimoto ezi-4?
Iimoto ezi-5?
Iimoto ezi-6?
Iimoto ezi-7?
Iimoto ezi-8?
Iimoto ezili-9?
Iimoto ezili-10?

Tshatisa isibalo nombuzo ongasekhohlo:

$9 \times 4 = 36$
$7 \times 4 = 28$
$2 \times 4 = 8$
$4 \times 4 = 16$
$3 \times 4 = 12$
$5 \times 4 = 20$
$1 \times 4 = 4$
$10 \times 4 = 40$
$6 \times 4 = 24$
$8 \times 4 = 32$

Gqibezela itheyibhile.

Ukubeka ngokwamaqela	Phinda-phinda	Ukwaba	Yahlula
Amaqeli ali-12 ezi-4	$12 \times 4 = 48$	Yaba ama-48 phakathi kwesi-4	$48 \div 4 = 12$
Amaqeli ali-16 ezi-4		Yaba ama-64 phakathi kwesi-4	
Amaqeli ali-18 ezi-4		Yaba ama-72 phakathi kwesi-4	
Amaqeli ali-15 ezi-4		Yaba ama-60 phakathi kwesi-4	

Gqibezela itheyibhile:

Ukwaba	Yahlula
Yaba ama-35 phakathi kwesi-4	$35 \div 4 = 8$ kusala isi- 3
Yaba ama-55 phakathi kwesi-4	
Yaba ama-70 phakathi kwesi-4	
Yaba ama-75 phakathi kwesi-4	

1 2 3 4 5 6 7 8 9 10

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 46 2014/06/24 3:19 PM

3 Gqibezela izazobe zesigcawu.

esikufakayo	umthetho	isiphumo
10	× 4	
11		
13		
14		
15		

esikufakayo	umthetho	isiphumo
9	× 4	
12		
16		
17		
18		

esikufakayo	umthetho	isiphumo
16	÷ 4	
32		
44		
60		
72		

esikufakayo	umthetho	isiphumo
40	÷ 4	
52		
56		
64		
68		

4 Gqibezela iitheyibhile ezingezantsi:

×	1	2	3	4	5	6	7	8	9	10	11	12	13	14	15
4															

×	16	17	18	19	20	21	22	23	24	25	26	27	28	29	30
4															

Uzifumene njani iimpendulo ezikwiibloko ezinombala ozuba?

5 Bala okulandelayo:

Ndinama-R75.
Zingaphi izipho zepati endinokuzithenga nge-R4?

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 47 2014/06/24 3:19 PM

88

Umhla: .....

Iipatheni zamanani:
Izine ukuya kuma-800

Ungathini ngamanani akwiibloko ezi-orenji?

Bala ngezine ukususela kuma-704 ukuya kuma-800. Leliphi inani elilandela ama-736 xa ubala ubuya umva ngezine?

Bala ubuye umva ngezine ukususela kuma-800 ukuya kuma-704.

701	702	703	704	705	706	707	708	709	710
711	712	713	714	715	716	717	718	719	720
721	722	723	724	725	726	727	728	729	730
731	732	733	734	735	736	737	738	739	740
741	742	743	744	745	746	747	748	749	750
751	752	753	754	755	756	757	758	759	760
761	762	763	764	765	766	767	768	769	770
771	772	773	774	775	776	777	778	779	780
781	782	783	784	785	786	787	788	789	790
791	792	793	794	795	796	797	798	799	800

Gqibezela izibalo zolandelelwano lwamanani

704; 708; 712; ____ ; ____ ; ____	724; 728; 732; ____ ; ____ ; ____

Dibanisa okanye thabatha zibe ne

a. 764 + 4 = 768

1. Dibanisa zibe ne kwinani olinikiweyo. Sikwenzele isibalo sokuqala.

b. 764 ____	c. 788 ____	d. 754 ____	e. 718 ____	f. 794 ____

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 48 2014/06/24 3:19 PM



2. Thabatha ezine kwinani olinikiweyo. Sikwenzele isibalo sokuqala.

a. 764 – 4 = 760

b. 768 ____	c. 784 ____	d. 752 ____	e. 714 ____	f. 798 ____

3. Kwenzeka ntoni xa udibanisa okanye uthabatha ezine kumanani angasentla?

_____

Jonga izangqa ezizuba kwibhodi yamanani.

a. Uqaphela ntoni ngezi zangqa? _____

b. Yandisa izibalo zolandelelwano lwamanani ezilandelayo:

703; 707; 711; ____; ____; ____

773; 777; 781; ____; ____; ____

711; 715; 719; ____; ____; ____

783; 779; 775; ____; ____; ____

799; 795; 791; ____; ____; ____

Faka inani elichanekileyo kwisangqa ngasinye kule migca-manani.

a.



b.



Ndinenani elinamanani ama-3:

Inani lokuqala sisi-7, inani elilandelayo likhulu ngononye kunesixhenxe, lize inani lokugqibela libe lincinane ngesithathu kunesixhenxe.

Xa ubala usiya phambili ngezine ukususela kweli nani, ingaba liya kuba ngubani eli nani?

_____

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 49 2014/06/24 3:19 PM

89 Ukuphinda-phinda nokwahlula: ngezi-2, ngezi-3, ngezi-4, nangezi-5 ukuya kuma-75

Umhla: .....

Ungakuphendula msinyane kangakanani oku?

1 × 2 = _____	5 × 3 = _____	4 × 2 = _____	10 × 2 = _____
4 × 3 = _____	3 × 2 = _____	2 × 2 = _____	3 × 3 = _____
6 × 4 = _____	4 × 3 = _____	5 × 3 = _____	9 × 4 = _____
6 × 5 = _____	8 × 3 = _____	9 × 4 = _____	8 × 5 = _____
7 × 3 = _____	8 × 5 = _____	2 × 5 = _____	7 × 5 = _____

Faka umbala kwiibloko apho isibalo sikunika intsalela.

12 ÷ 2 = 6	13 ÷ 3 = 4 ints 1	15 ÷ 5 = _____	18 ÷ 5 = _____
20 ÷ 4 = _____	23 ÷ 4 = _____	16 ÷ 3 = _____	18 ÷ 3 = _____
25 ÷ 2 = _____	24 ÷ 2 = _____	30 ÷ 2 = _____	29 ÷ 2 = _____
19 ÷ 3 = _____	17 ÷ 3 = _____	31 ÷ 5 = _____	30 ÷ 5 = _____
55 ÷ 5 = _____	52 ÷ 5 = _____	57 ÷ 3 = _____	60 ÷ 3 = _____

Wazi njani xa inani linokwahlulwa ngesi:

- 3? Xa unokudibanisa amanani enza elo nani, (umz. amanani akuma-72 ngala 7 + 2 = 9) kwaye unako ukwahlula eli nani litsha ngesi-3 (siyakwazi ukwahlula i-9 ngesi-3).
- 2? _____
- 5? _____

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 50 2014/06/24 3:19 PM

4 Yahlula uze uhlole impendulo yakho.

65 ÷ 3 = (60 + 5) ÷ 3 = (60 ÷ 3) + (5 ÷ 3) = 20 + 1 ints 2 = 21 ints 2	21 × 3 + 2 = (20 + 1) × 3 + 2 = (20 × 3) + (1 × 3) + 2 = 60 + 3 + 2 = 65
a. 49 ÷ 5	
b. 65 ÷ 5	

5 Bala okulandelayo:

Kufuneka uhambe uyokwenza uphando.
Wazi njani ukuba inani linokwahluleka ngesi-4?

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 51 2014/06/24 3:19 PM

90

Umhla: .....

Iimpawu zezinto ezinemilinganiselo engu-3-D

Jonga imifanekiso.

Thetha ngemiphezulu yezinto usebenzise amagama afana nathi emcaba okanye egobileyo.

Iibhola	Iibhokisi	Iisilinda	Iiphiramidi	Iikhowuni

Jonga imifanekiso uze ugqibezele izivakalisi nemibuzo.

a. Ibhola _____

b. Kutheni ingatshebelezi ibhola? _____

c. Isilinda _____.

d. Ingaba nesilinda iyakwazi ukutshebeleza? _____

1 2 3 4 5 6 7 8 9 10

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 52 2014/06/24 3:19 PM

3 Nika amagama ezinto ezisetyenziswe emfanekisweni ngamnye.

Uthiya into kube kanye kuphela. Xela ukuba iyaqengqeleka okanye iyatshebeleza na.



_____	_____	_____
_____	_____	_____
_____	_____	_____

4 Xela ukuba ingaba i-3-D inamacala amcaba na okanye inamagophe

		
_____	_____	_____

5 Zoba okulandelayo:

Ibhokisi exhathise phezu kwesilinda.	Ibhola exhathise phezu kwesilinda.	Isilinda exhathise phezu kwebhokisi.

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 53 2014/06/24 3:19 PM

91

Umhla:

Izicuku zezixhobo zemicu yamaqhezu

Izinto ezisetyenziswayo: imicu yephepha emi-5 enemibala eyahluka-hlukileyo, Izikere, Iipenisile/Ikhrayoni



Yenza isicuku sezixhobo

Sika ukhuphe iphepha lesi-5

Kumcu omnye bhala la magama: "Into Enye Epheleleyo"

Into Enye Epheleleyo

Thatha omnye umcu uze uwusonge ngononophelo ehafini. Wuvule. Unamacala alinganayo amangaphi? Bhala i-$\frac{1}{2}$ kwisiqingatha ngasinye uze usike emigobeni.

Thatha umcu wesithathu uwugobe ehafini, uze uphinde uwugobe ehafini kwakhona. Wuvule. Zingaphi iinxenye ezilinganayo onazo? Bhala i-$\frac{1}{4}$ kwinxenye nganye yesine okanye kwikota nganye, uze usike emigobeni. Khawuzame ukwenza eminye imicu emibini, omnye ubonise izihlanu uze omnye ubonise izibhozo.



Sebenzisa amaqhekeza esicuku sezixhobo ukuze akuncede uphendule le mibuzo.

Zingaphi izihlanu ezenza into enye epheleleyo? _____

Zingaphi izibhozo ezilingana nesiqingatha esinye? _____

Amaqhezu akumgca-manani.

Lo mcu ubonisa into enye epheleleyo. Into Enye Epheleleyo	Esi sangqa senza into enye epheleleyo. Into Enye Epheleleyo
Yahlula umcu ngokweenxenye ezintathu. Faka umbala kwinxenye enye yesithathu.	Yahlula isangqa sibe zizithathu. Faka umbala kwinxenye enye yesithathu.

1 2 3 4 5 6 7 8 9 10

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 54 2014/06/24 3:19 PM

4 Ngoku faka umbala kokulandelayo:

Kwisiqingatha esinye 	Kwiikota ezintathu 	Kwiinxenye ezimbini kwezintathu ezilinganayo 
Kwiinxenye ezine kwezintlanu ezilinganayo 	Kwisiqingatha esinye 	Kwiikota ezintathu kwezine 

5 Zoba okulandelayo:

Iikota ezintathu kwezine ngokusebenzisa isikwere.	Isiqingatha esinye ngokusebenzisa isangqa.	Iinxenye ezimbini kwezintathu ezilinganayo ngokusebenzisa unxantathu.
Iinxenye ezine kwezintlanu ezilinganayo ngokusebenzisa isangqa.	Izibhozo ezine usebenzisa isikwere.	Iinxenye ezimbini kwezintathu ezilinganayo usebenzisa uxande.

6 Lungisa isicuku sezixhobo sakho

- Sika isangqa ngasinye kwezi-6 uze usike ezisi-6.
- Sika emigceni izangqa ezihlanu zibe ngamaqhekeza.
- Phawula iqhekeza ngalinye.
  - Kwelinye icala bhala iqhezu leyure epheleleyo.
  - Kwelinye icala bhala inani lemizuzu ekwelo qhezu.

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 55 2014/06/24 3:19 PM

92 Amanye amaqhezu

Umhla: .....

Bhala u-Ewe okanye u-Hayi

- Isiqingatha sisiqingatha sento enye epheleleyo _____
- Isiqingatha sesiqingatha yikota _____
- Ikota sisiqingatha sesiqingatha _____
- Isiqingatha neekota ezimbini zenza into enye epheleleyo _____
- Isiqingatha kunye nekota enye zenza iikota ezintathu _____

Yaba iphayi

USipho, uGugu, u-Andile noLisa babelana ngephayi enye.

a. Ndilambile! Ndifuna isiqingatha!

Sipho

Zoba isabelo sikaSipho.

b. Kulungile! Ndiza kuthatha ikota.

Gugu

Zoba isabelo sikaSipho nesikaGugu.

c. Ndiza kuthatha isiqingatha sento eseleyo.

Andile

Zoba isabelo sikaSipho, esikaGugu nesika-Andile.

d. Ingakanani iphayi endiza kuyifumana?

Lisa

Zoba zonke izabelo zabo zephayi.

1 2 3 4 5 6 7 8 9 10

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 56 2014/06/24 3:19 PM

3 Yabela abantwana iimilo ngokukrwela umgca uze ufake umbala.



4

Abahlobo abane babelana ngeelekese ezi-5 ngokulinganayo.	Abahlobo abathandathu babelana ngeelekese ezili-9 ngokulinganayo.
Emnye kubo uza kufumana kangakanani?	Emnye kubo uza kufumana ezingakanani?
Uthini umbuzo?	Uthini umbuzo?
_____	_____
Athini amanani?	Athini amanani?
_____	_____
Zoba umfanekiso.	Zoba umfanekiso.

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 57 2014/06/24 3:19 PM

93

Umhla:

Ukwaba okukhokelela kumaqhezu

Nazi izibalisi ezili-12



Singabahlobo ababini. Sinesikhongozelo esinye kuphela esahlulwe kanye ehafini.

Thina sobabini sabelana ngezibalisi ezilishumi elinesibini. .

Yenza isazobe sezinto ezilandelayo uze uphendule umbuzo.

Iibhola ezilithoba zahlulelwa abahlobo abathathu.



- Ingaba emnye kula mantombazana ufumana iibhola ezingaphi? ☐
- Inye intombazana, ifumana eliphi iqhezu? ☐

Iibhola ezilishumi elinesibini zabelwa abahlobo abane. Abathathu kubo ngamakhwenkwe.



- Inye intombazana, ifumana iibhola ezingaphi? ☐
- Leliphi iqhezu elifunyanwa yinkwenkwe nganye? ☐

Lithini iqhezu eliya kufunyanwa nguMandla? ULisa uya kufumana eliphi iqhezu?



- Zingaphi iibhola eziza kufunyanwa nguMandla noLisa?



- Zingaphi iibhola eziza kufunyanwa nguMandla noLisa?

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 58 2014/06/24 3:19 PM



Ukwaba iilekese.

Abanye abahlobo babelana ngeelekese. Emnye kubo ufumana $\frac{1}{2}$ (isiqingatha) sepakethi.

a. Zingaphi iipakethi ekufuneka benazo zokwabela:

abahlobo aba-4? _____ abahlobo aba-6? _____ abahlobo aba-9? _____

b. Bangaphi abahlobo abanokwabelana:

ngeepakethi ezi-4? ____ ngeepakethi ezi-10? ____ Ngeepakethi ezi-3 $\frac{1}{2}$? ____

Iziketi zomxhentso.

Oomama noomakhulu bathunga iziketi zomxhentso.

Ngesiketi esi-1 bafuna iimitha ezi-2 $\frac{1}{2}$ (m) zelaphu.

Ilaphu lixabisa i-R6 ngemitha nganye.

a. Bangathunga iziketi ezingaphi?

kwi-5 m _____ kwi-10 m _____

kwi-20 m _____ kwi-25 m _____

b. Lingakanani ilaphu abalifunayo ukuze bathunge

iziketi ezi-2 _____ iziketi ezi-3 _____ iziketi ezi-4 _____

c. Yimalini ilaphu lokuthunga

isiketi esi-1 _____ iziketi ezi-2 _____ iziketi ezi-3 _____



d. Zingaphi iziketi abanokuzithunga

R450 _____ R825 _____ R180 _____.

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 59 2014/06/24 3:19 PM

94 Iperimitha/Umjikelezo

Umhla: .....

Igama elithi pherimitha lithetha ubude okanye umjikelezo.



Umfama unomhlaba wokulima ongunxantathu.

Sinako ukuyifumanisa ipherimitha yesiza ngokudibanisa ubude bamacala.

Ipherimitha = 12 m + 12 m + 6 m = 30 m

Fumana ezi pherimitha.

		

Isitiya sikaVeronica.



UVeronica uzoba isitiya afuna ukusilima.

a. Yintoni ipherimitha yendawo alima kuyo izityalo zakhe ezingamayeza? _____

b. Ngawaphi amacandelo amabini anepherimitha efanayo?
Yintoni ipherimitha yazo?

_____ ne _____ zinepherimitha yeemitha _____ m.

c. Ufuna ucingo lokubiyela isitiya sakhe. Ucingo lubiza ama-R50 imitha enye.
Luza kuba yimalini ucingo? _____

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 60 2014/06/24 3:19 PM

3 Yenza isicwangciso sesitiya sakho.

Sebenzisa iphepha legridi elisikwe kali-7 ukuze wenze isicwangciso sesitiya sakho. Bonisa yonke imilinganiselo nezityalo onqwenela ukuzilima.

4 Ukulinganisa izangqa



Sebenza nomhlobo.

Izinto ezisetyenziswayo: Izinto ezili-10 ezimile okwesangqa ezinobukhulu obahlukeneyo ezifana nepleyiti, iglasi, iteyiphu yokuncamathelisa, isiciko sebhotile, umtya nesikere.

1. Khetha enye kwizinto ezingqukuva eza kulinganiswa ngomtya.
2. Sika intwana yomtya enobude obulingana ncam nejikeleza loo nto ncam.
3. Thatha ke ngoku kwale ntambo inye uze uyitsale ukuze ifikelele kwelinye icala lesangqa. Bala ukuba ifikelela kangaphi kwelinye icala lesangqa.
4. Yenza njalo nangezinye izinto ezizizangqa.
5. Bhala into oyiqaphelayo.

Umgama ojikeleza isangqa ubizwa ngokuba sisazinge okanye isekhamfarensi.	
Umgama onqamleza isangqa waziwa ngokuba yidayamitha.	

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 61 2014/06/24 3:20 PM

95a

Umhla:

Imali yokurhweba

Dlala le midlalo nomhlobo wakho.

Izinto ezisetyenziswayo:



RIOOs	RIOs	RIs	IOc	Ic

IBhodi yeMali (umsiko 8), Iphepha nepenisile, amadayisi amabini, imali yokudlalisa (kumsiko 9): imali engamaphepha ye-RIOO kunye nemali eziinkozo ezi-RI, IOc nee-Ic.

Beka iBhodi yeMali etafileni.
Ibhodi inamacandelo ama-5 angala, ukusuka ekhohlo ukuya ekunene, i-RIOO, i-RIO, i-RI, neesenti ezili-IO. Kulo mdlalo siza kusebenzisa iikholamu ezi-3 zokuqala.

Dibanisa ufikelele kwiRandi ezili-IOO.

1. Umdlali ngamnye ufumana ithuba lokuqengqa idayisi. Dibanisa amanani amabini.
2. Thatha elo nani leenkozo ze-RI uzibeke kwindawo yee-RI ebhodini.
3. Msinyane emva kokuba neenkozo ze-RI kufuneka urhwebe ngazo ukuze uzuze imali eliphepha ye-RIO.



4. Umntu oqokelele amaphepha e-RIO kuqala aze arhwebe ngawo ukuze afumane iphepha le-RIOO nguye ophumeleleyo.



5. Izohlwayo: Ukuba umdlali ugqibile kwithuba lakhe waza walibala ukurhweba ngeenkozo ze-RI ezilishumi ukuze afumane iphepha elinye le-RIO, aze omnye umdlali ayibhaqe loo mpazamo, isohlwayo yi-RI. Ukuba umdlali ulibele ukurhweba ngamaphepha alishumi e-RIO ukuze afumane iphepha elinye le-RIOO, kufuneka ahlawule i-RIO komnye umdlali.

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 62 2014/06/24 3:20 PM

2 Ukuthabatha kwi-RIOO uye ku-RO.

Dlala wona lo mdlalo, kodwa ngoku qala ngemali engamaphepha ezii-RIO, thabatha isiphumo samanani asedayisini. Umdlali ofumana i-RO kuqala nguye ophumeleleyo.

RIOOs	RIOs	RIs	IOc	Ic

3 Ukudibanisa nokuthabatha kwi-RI OOO.

Dibanisa isiphumo sedayisi ngethuba ngalinye, uze uthathe elo nani le-RIO engamaphepha. Owokuqala ukufikelela kwi-RI OOO nguye ophumeleleyo. Okanye, qala nge-RI OOO, uze uthabathe kwithuba ngalinye. Umdlali wokuqala ukufikelela kwi-RO nguye ophumeleleyo.

4 Ukudibanisa ufikelele kwi-RI.

Dlalani ngokufanayo nomdlalo wokuqala, kodwa ngoku xa niqengqa idayisi, nize nifumane isiphumo, thathani eso siphumo sedayisi kwiinkozo zesenti e-I. Xa sowuneenkozo ezilishumi ze-Ic, zitshintshe ukuze ufumane ukhozo olunye lwe-IOc. Owokuqala otshintshe iinkozo ezilishumi ze-IOc ukuze afumane ukhozo lwe-RI nguye ophumeleleyo.

5 Thabatha iisenti.

Qalisa nge-RI, uze uthabathe ngomdlalo ngamnye. Owokuqala ukufikelela kwiisenti ezingu-O nguye ophumeleleyo.

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 63 2014/06/24 3:20 PM

95b

Umhla: .....

Masiye ezivenkileni!

Iminqwazi ethengiswayo.

Ivenkile ithengisa iminqwazi ngamaxabiso ama-5 ahlukeneyo.

							Iitotali
Iminqwazi a R20	R20	R20	R20	R20	R20	R20	R120
Iminqwazi b R25	R25	R25	R25	R25	R25	R25	
Iminqwazi c R50	R50	R50	R50	R50	R50	R50	
Iminqwazi d R75	R75	R75	R75	R75	R75	R75	
Iminqwazi e R100	R100	R100	R100	R100	R100	R100	

Qwalasela!
Thelekisa!
Lungisa!

a. Funa ixabiso leminqwazi kumqolo ngamnye.

b. UMaZondo uthenga omnye kuhlobo ngalunye lomnqwazi.

Ubhatala malini iyonke? _____

c. UButi uchitha ama-R450 iyonke. Uthenga umnqwazi omnye nge-R100.

Yeyiphi eminye iminqwazi ayithengayo? Bonisa iimpendulo ezinokuchaneka ezi-2.

Impendulo 1	Impendulo 2

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 64 2014/06/24 3:20 PM

Kwivenkile yesonka.

UMusa usebenzisa iresiphi yokwenza ikeyiki etofotofo.

Iresiphi yekeyiki etofotofo

Ukwenzela ikeyiki: ama-40 g omgubo wengqolowa ozinyukelayo; Amaqanda ama-3; iswekile yokuhombisa yama-50 g Ukwenzela ukuqaba phakathi: ucwambu lwe-140 ml

a. Bala ukuba kufuneka uMusa abe nantoni ukuze abhake iikeyiki ezi-6.

Ikeyiki	Umgubo wengqolowa	Amaqanda	Iswekile	Ikhrimu
1	40 g	3	50 g	140 ml
2				
3				
4				
5				
6				

b. Phawula nge (✓) impendulo echanekileyo.

Ilitha e-1 yekhrimu inokudibanisa malunga: neekeyiki ezili-10; iikeyiki ezisi-7; iikeyiki ezisi-8

Izibalo ezikhawuleziswayo

Qwalasela!
Thelekisa!
Lungisa!

10 × 7 =	10 × 70 =	5 × 7 =	5 × 70 =	70 × 2 =
12 × 4 =	12 × 8 =	6 × 16 =	5 × 9 =	50 × 9 =
15 × 3 =	15 × 6 =	10 × 4 =	8 × 4 =	18 × 4 =

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 65 2014/06/24 3:20 PM

96 Okunye ngeenkcukacha

Umhla: .....

Kwisikhululo samapolisa.

Amapolisa amahlanu enza imisebenzi eyahlukeneyo. Aphi ngoku?

	Ezidesikeni	Ayajikeleza	Asenkundleni
USerufe			×
UMaria	×		
USam	×		
UAmos		×	
UDudu			×

Bhala amagama okuba ngubani: Osedesikeni? _____

Ojikelezayo? _____

Osenkundleni? _____

Usuku lwemithi

Izikolo ezihlanu zikukhuphiswano lokubona ukuba sesiphi esinokutyala eyona mithi mininzi ngoSuku lokuTyalwa kweMithi. = 10 imithi

Klipspruit	
Mthonjeni	
Sonskyn	
Thuthong	
Mosiba	

Isikolo ngasinye sityala imithi emingaphi?

eKlipspruit	eMthonjeni	eSonskyn	eThuthong	eMosiba

Mingaphi imithi etyalwe zizikolo iyonke? _____

1 2 3 4 5 6 7 8 9 10

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 66 2014/06/24 3:20 PM

Hlobo luni lophahla?

Iklasi yeBanga lesi-3 yenza uphando kwilali yayo.

Bafuna ukuqonda ngeentlobo zamaphahla ezindlwini ezahlukeneyo.

Babonisa iziphumo zabo kule grafu yeebloko.



Benza uphawu (✓) olu-I kwindlu nganye obayibonayo.







Iithayili	✓	✓	✓	✓	✓	✓					
Ingca	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
Iplanga	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓			
Izinki	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓		

Zingaphi kuhlobo ngalunye lophahla abalubonayo?

Iithayili _____ Ingca _____ Iplanga _____ Izinki _____

Loluphi uhlobo olulolona luthandwayo? _____

Babone amaphahla amangaphi ephelele? _____

Ubukhulu beminqwazi

Amakhwenkwe esikolo saseJuma anxiba iikepusi zesikolo.
Iikepusi zifumaneka kwezi sayizi-2, 3 no 4.

2	2	3	2	3	4	4	3	2	3	2	3
4	2	2	3	3	3	2	2	2	3	4	4
2	3	2	3	4	2	4	4	3	4	2	2
2	2	3	3	3	4	2	2	2	3	3	4
4	2	2	2	3	4	2	4	4	3	2	

Bala ukuba bangaphi abafundi abanxiba isayizi nganye yeekepusi.

2 _____ 3 _____ 4 _____

Yeyiphi eyona sayizi ixhaphakileyo? _____

Qwalasela!
Thelekisa!
Lungisa!

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 67 2014/06/24 3:20 PM

97

Umhla:

Ukusebenza ngeesentimitha

Mde kangakanani umgca onombala?







Qala ngokuqikelela uze ulinganise le migca.
Gqibezela itheyibhile.

Umgca	Uqikelelo	Umlinganiselo	Umahluko phakathi koqikelelo nomlinganiselo

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 68 2014/06/24 3:20 PM

3 Ukusebenza ngeekhilomitha.

a. 10 cm

b. 7 cm

c. 15 cm

4 Enyakeni usebenzise iipenisile zakho zokufaka imibala ezilishumi. Iipenisile zakho bezinobude obungange-15 cm phambi kokuba uzisebenzise.

a. Ubude bencwadi _____

b. Ukuphakama kocango _____

c. Ubude bepenisile _____

d. Ubude bakho _____

e. Ubude bomnwe wakho _____

Khumbula iisimboli (izifinyezo) esizisebenzisayo xa sibhala isentimitha (cm) kunye nemitha (m).

5 Ekuhambeni konyaka usebenzise iipenisile zakho ezilishumi eziyimibala. Ubude beepenisile zakho bebuzii-15 cm phambi kokuba uzisebenzise.

Emva kokuba uyisebenzisile ipenisile yakho ebomvu ibe nobude obungangee-7 cm, ezuba ibilingana nee-5 cm, eluhlaza yona ibingangee-6 cm, emthubi ingangee-11 cm, emsobo ingangee-12 cm, e-orenji ilingana nee-9 cm, enebala elimdaka ingangee-14 cm, emnyama ingangee-8 cm, epinki ingangee-13 cm yaze emhlophe yangangee-15 cm.

a. Yeyiphi ipenisile oyisebenzise kakhulu? _____

b. Yeyiphi eyona penisile oyisebenzise kancinci? _____

c. Bhala ubude beepenisile zakho uqale ngeyona imfutshane ugqibele ngeyona inde _____

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 69 2014/06/24 3:20 PM

98

Umhla: .....

Ama-700 ukuya kuma-800

Bala uze ubhale.

a. Sebenzisa le tshathi ilandelayo ikuncede ubale ukusuka kuma-700 ukuya kuma-800. Wabize amanani njengokuba ubala.



701			704						710
							718		
	722								
					736				
741								749	
							758		
		773							
							788		790
	792			795					800

b. Bhala amanani angekhoyo kwigridi engasentla.

c. Bhala amanani ali-10 alandela ama-750.

750; _____; _____; _____; _____; _____; _____; _____; _____; _____; _____

d. Bhala amanani asi-8 alandelayo kwipatheni yezi-2.

762; 764; 766; _____; _____; _____; _____; _____; _____; _____

e. Bhala onke amanani ngezi-2 ukususela kuma-751 ukuya kuma-773.

751; _____; _____; _____; _____; _____; _____; _____; _____; _____; 773

f. Bhala amanani asi-8 alandelayo ngokwepatheni yezi-5.

751; 756; 761; _____; _____; _____; _____; _____; _____; _____

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 70 2014/06/24 3:20 PM



2 Ubale iibloko ezingaphi?



Uzibale njani iibloko?

3 Gqibezela imigca-manani.

750			753				757		759	
							789	788	787	
					753	756	759			

4 Gqibezela itheyibhile.

	Bhala elona lincinane ukuya kwelona likhulu.	Bhala ukusuka kwelona likhulu ukuya kwelona lincinane.
776, 772, 779, 770, 778		
736, 703, 730, 713, 703		

5 Bhala okulandelayo ngamagama.

788	

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 71 2014/06/24 3:20 PM

99

Umhla:

Amanye amanani aqala kuma-700 ukuya kuma-800



UPeter ebenamakhadi endawo yexabiso kunye neebloko zamashumi.

Utitshala ucele uPeter ukuba abonise ama-759 ngamakhadi akhe neebloko zakhe.



UBen ubonise oku. Yintoni angayenzanga kakuhle?



Bhala isivakalisi samanani wandule ukubhala impendulo.



Bhala isivakalisi samanani wandule ukubhala impendulo.

700 90 9	500 50	60 5
700 + 90 + 9		
=		

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 72 2014/06/24 3:20 PM

3 Gqibezela umgca-manani.

789	790	791								799

Ndinike onke amanani angaphantsi kunama-795. _____

Ndinike onke amanani amakhulu kunama-795. _____

4 Faka <, > okanye =.

a. 799 _____ 766 b. 745 _____ 750

c. 700 + 90 + 7 _____ 767

5 Calula inani lakho.

a. Yakha inani ngalinye ngamakhadi akho.

b. Bhala ixabiso lenani ngalinye. Ngoku yenza ezi zibalo: Calula inani lakho.

790	
689	
699	
755	
690	

Umzekelo: 799

	7 0 0
	9 0
	9
	7 9 9
799	700 + 90 + 9

6 Bhala la manani ngamagama.

668	
757	
799	
742	
691	

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 73 2014/06/24 3:20 PM

100

Umhla: .....

Amanani ukusuka kuma-800 ukuya kuma-900

Bala uze ubhale!



a. Sebenzisa le tshathi ilandelayo ikuncede ubale ukusuka kuma-800 ukuya kuma-900. Wabize amanani njengokuba ubala.

801			804						810
							818		
	822								
					836				
841								849	
							858		
		873							
							888		890
	892			895					900

b. Bhala amanani angekhoyo kwigridi engasentla.

c. Bhala amanani ali-10 alandela ama-800.

800; ____; ____; ____; ____; ____; ____; ____; ____; ____; ____

d. Bhala amanani alandelayo asi-8 ngokwepatheni yezi-2

852; 854; 856; ____; ____; ____; ____; ____; ____; ____

e. Bhala onke amanani ngokwepatheni yezi-2 ukususela kuma-807 ukuya kuma-829.

807; ____; ____; ____; ____; ____; ____; ____; ____; ____; 829

f. Bhala amanani alandelayo asi-8 ngokwepatheni yezi-5.

834; 839; 844; ____; ____; ____; ____; ____; ____; ____

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 74 2014/06/24 3:20 PM

2 Ubale iibloko ezingaphi?



Uzibale njani iibloko?

3 Gqibezela imigca-manani.

830			833				837	838		
							876	881	886	
					843	846	849			

4 Gqibezela itheyibhile.

	Bhala ukusuka kwelona lincinane ukuya kwelona likhulu.	Bhala ukusuka kwelona likhulu ukuya kwelona lincinane.
856, 853, 855, 851, 857		
898, 801, 810, 819, 891		

5 Bhala inani ngamagama.

845	

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 75 2014/06/24 3:20 PM

101

Umhla:

Amanye amanani aqala kuma-800 ukuya kuma-900



UPeter ebenamakhadi exabiso lendawo kunye neebloko zamashumi.

Utitshala ucele uPeter ukuba abonise ama-854 ngamakhadi neebloko zakhe.



Naku okuboniswe nguBen. Yintoni angayenzanga kakuhle.



Bhala isivakalisi samanani uze uphendule imibuzo.



800 + 80 + 5 =	885				

Bhala isivakalisi samanani wandule ukubhala impendulo.

800 50 2	800 90 7	800 3
800 + 50 + 2		
=		

1 2 3 4 5 6 7 8 9 10

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 76 2014/06/24 3:20 PM

3 Gqibezela umgca-manani.

889	890	891										900

Ndinike onke amanani angaphantsi kunama-894. _____

Ndinike onke amanani amakhulu kunama-894 _____

4 Fakela <, > okanye =

a. 899 _____ 898 b. 802 _____ 820

c. 900 + 70 + 5 _____ 785

5 Calula inani lakho.

a. Yakha inani ngalinye ngamakhadi akho.

b. Bhala ixabiso lenani ngalinye. Ngoku yenza ezi zibalo: Calula inani lakho.

890	
889	
802	
855	
840	

Umzekelo: 876

	8 0 0
	7 0
	6
	8 7 6
876	800 + 70 + 6

6 Bhala la manani ngamagama.

889	
825	
803	
830	
899	

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 77 2014/06/24 3:20 PM

102a

Umhla:

Ukulinganisa ubunzima bezinto

Jonga imifanekiso elandelayo uze uphendule imibuzo.

a. Ingaba umgubo wokuhlamba impahla oyi-1 kg, ukhaphukhaphu okanye unzima kunomgubo wokuhlamba impahla oyi-2 kg?

_____

b. Yeyiphi ekhaphu-khaphu: Isiriyeli yakusasa eyi-500 g okanye iibhisikithi eziyi-200 g?

_____

c. Yeyiphi enzima kunenye: Amafutha okuthambisa ubuso e-100 g okanye ipakethi yomngqusho ye-1 kg?

_____

Ingaba bungakanani ubunzima bemizimba yethu sisonke?

Ubunzima bomzimba wam ngama-25 kg, obomhlobo wam ngama-29 kg kodwa obomntakwethu ngama-45 kg.

Iimveliso zizonke zinobunzima obungakanani?

Imveliso yokuqala inobunzima be-1 kg 500 g, eyesibini imveliso inobunzima-be-3 kg 500 g ize eyokugqibela ibe yi-2 kg 500 g.

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 78 2014/06/24 3:20 PM

4 Jonga le mifanekiso uze uphendule le mibuzo.

Ndingayibhala njani i-3, 5 kg ngokwekhilogrem nee-grem?

5 Gqibezela itheyibhile

Utitshala wakho uza kukunika izinto ezintlanu omawuziqwalasele. Qikelela ubunzima bazo uze uzilinganise.

Into	Uqikelelo	Umlinganiselo	Umahluko phakathi koqikelelo nomlinganiselo

6 Iimveliso zinobunzima obungakanani zidibene?

Iimveliso zokuqala zinobunzima be-2 kg 500 g, eyesibini imveliso yi-1kg 500 g kanti eyokugqibela zii-3 kg 500 gm

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 79 2014/06/24 3:20 PM

102b

Umhla: .....

Masiqhube ngokulinganisa ubunzima

Imasi okanye ubunzima ngumlinganiselo wobungakanani besiqulatho sento. Xa kukuninzi okukhoyo loo nto kuba nzima ngakumbi ukuyishukumisa.

Ubunzima ngumlinganiselo wamandla atsalela izinto ezantsi. La mandla anganeno enyangeni kuba izinto zikhaphu-khaphu noko phaya. Kwiinjongo zemihla ngemihla apha emhlabeni sisebenzisa imilinganiselo efanayo yemasi nobunzima.

Ubunzima sibulinganisa ngeekhiilogrem nangeegrem.

Izikali ezahlukeneyo

Sisebenzisa iintlobo ezahlukileyo zezikali xa silinganisa ubunzima.

Silinganisa imasi ngebhalansi kanti ubunzima sibulinganisa ngesikali sesipringi.



Ilitha yamanzi inemasi engange-1 kg.



Le ntlanzi inobunzima be-3 kg.

Funa ubunzima

Bhala ubunzima ngokwe-kg njengoko kubonisiwe kwisikali ngasinye.













XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 80 2014/06/24 3:20 PM

Sisebenzisa iigrem ukulinganisa ubunzima bezinto ezincinane okanye ezikhaphu-khaphu nokulinganisa amaqhezu ekhilogrem.

1 000 g = 1 kg

Kwesi sikali sesipringi, umgca ngamnye omncinane li-10 leegrem ubunzima. Iitumato zinobunzima bama-320 beegrem.



2 Zinzima kangakanani?

Zoba ukuba usiba lufanele ukuya ngaphi kwisikali ngasinye.



7 kg



4 kg



6 kg

3 Yenza ikhilogrem

Dibanisa ukuze wenze i-1 kg (1 000 g).

a. 125 g + 250 g + 125 g + _____ g = 1 000 g (1 kg)

b. 50 g + 30 g + 240 g + 60 g + 100 g + _____ = 1 kg

c. 57 g + 46 g + 243 g + 334 g = _____ = 1 000 g (1 kg)

d. 50 g + 90 g + 160 g + _____ = 1 000 g (1 kg)

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 81 2014/06/24 3:20 PM

103 Amanani ukusuka kuma-900 ukuya kwi-1 000

Umhla: .....

Bala uze ubhale!



a. Sebenzisa le tshathi ilandelayo ikuncede ubale ukusuka kuma-900 ukuya kwi-1 000. Wabize amanani njengokuba ubala.

901		903							910
								919	
		943					948		
981									
991								999	

b. Bhala amanani angekhoyo kwigridi engasentla.

c. Bhala amanani ali-10 alandela ama-900.

900; ___; ___; ___; ___; ___; ___; _____; _____; _____; _____

d. Bhala amanani alandelayo asi-8 ngeepatheni zezi-2.

946; 948; 950; _____; _____; _____; _____; _____; _____; _____; _____

e. Bhala onke amanani ngeepatheni zezi-2 ukususela kuma-945 ukuya kuma-967.

945; ___; ___; ___; ___; ___; ___; ___; ___; ___; ___; 967

f. Bhala amanani asi-8 ngepatheni yezi-5.

936; 941; 946; _____; _____; _____; _____; _____; _____; _____; _____

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 82 2014/06/24 3:20 PM

2 Ubale iibloko ezingaphi?



Uzibale njani iibloko?

3 Gqibezela imigca-manani.

950			953				957	958		
							956	961	966	
					903	906	909			

4 Gqibezela itheyibhile.

	Bhala ukususela kwelona lincinane ukuya kwelona likhulu.	Bhala ukususela kwelona likhulu ukuya kwelona lincinane
936, 933, 935, 931, 937		
978, 907, 970, 917, 971		

5 Bhala inani ngamagama.

695	

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

Xhosa Gr3 Num Gr3 Bk2 Th3.indd 83 2014/07/24 2:21 PM

104 Amanye amanani aqala kuma-900 ukuya kwi-1 000

Umhla:



U-Andile ebenamakhadi exabiso lendawo neebloko zamashumi.

Utitshala ucele u-Andile ukuba abonise ama-932 ngamakhadi neebloko zakhe.



UGugu ubonise oku. Yintoni angayenzanga kakuhle?



Bhala isivakalisi samanani uze uphendule.



900 + 80 + 4 =	984				

Bhala isivakalisi samanani uze uphendule.

900 90 9	900 20	900 8
900 + 90 + 9		
=		

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 84 2014/06/24 3:20 PM

3 Gqibezela umgca-manani.

989	990	991								999

Ndinike onke amanani angaphantsi kunama-995. _____

Ndinike onke amanani amakhulu kunama-995. _____

4 Fakela <, > okanye =.

a. 999 _____ 998 b. 957 _____ 975

c. 900 + 60 + 1 _____ 961

5 Calula inani lakho.

a. Yakha inani ngalinye ngekhadi ngalinye.

b. Bhala ixabiso lenani ngalinye. Ngoku yenza ezi: Calula inani lakho.

922	
959	
980	
907	
931	

Umzekelo: 984

	9 0 0
	8 0
	4
	9 8 4
984	900 + 80 + 4

6 Bhala la manani ngamagama.

976	
905	
950	
821	
909	

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

Xhosa Gr3 Num Gr3 Bk2 Th3.indd 85 2014/07/02 1:27 PM

105 Ukudibanisa nokuthabatha ukususela kuma-999

Umhla: .....

1 Bhala isivakalisi samanani ngesibalo ngasinye.

	Chaza ukuba uzibale njani iibloko. _____
	Chaza ukuba uzibale njani iibloko. _____

2 Sebenzisa umzekelo ukuze ukukhokele.

5 0 5 0 ama-50 aphinda-phindwe kabini li-100	3 0 0 3 0 0 [ ]
2 0 0 2 0 0 [ ]	3 3 [ ]

3 Sebenzisa iziphinda-phindwa kabini ukuze usombulule okulandelayo. Umzekelo uza kukukhokela.

a. 43 + 44 =	phinda kabini 43 + 1	43 + 43 + 1 = 87
b. 81 + 41 =		
c. 40 + 41 =		
d. 66 + 67 =		

Xhosa Gr3 Num Gr3 Bk2 Th3.indd 86 2014/07/24 2:21 PM

4 Sebenzisa iziphinda-phindwa kabini okanye iziphinda-phindwa ezisondeleyo usombulule oku kulandelayo. Sebenzisa umzekelo ukuze ukukhokele.

a. Phinda-phinda kabini ama-340
= 340 + 340
= Phinda-phinda kabini ama-340
= 300 + 300 + 40 + 40
= 600 + 80
= 680

b. 340 + 341
= Phinda-phinda kabini ama-340 + 1
= 300 + 300 + 40 + 40 + 1
= 600 + 80 + 1
= 681

c. 470 + 470

d. 461 + 462

5 Sombulula eli qhina:

Abafundi beBanga lesi-2 baqokelele amapetyu angama-360.

Abafundi beBanga lesi-3 banamapetyu ambalwa ngama-216 kunabeBanga lesi-2. Mangaphi amapetyu abafundi beBanga lesi-3?

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 87 2014/06/24 3:20 PM

Umhla:

Malunga nendlu

Usuku lokubhaka.

UMakazi uPhindi ubhaka isonka e-ovenini yakhe.

Bonisa ixesha kwezi wotshi.

Ufaka isonka ngomkhono emva kwentsimbi yesi-4.

Ukhupha isonka ngemizuzu emihlanu emva kweyesihlanu.

Sibhakeke emva kwexesha elingakanani isonka? _____

Umama ka-Ann usebenzisa i-oveni yemakhroweyivu. Isebenza ngokukhawuleza kakhulu. Ngoku ixesha li-16:30. Jonga ixesha lokupheka elimiselwe kwiwotshi ye-oveni yemakhroweyivu.



Siza kulunga nini isonka? _____

I-oveni yemakhroweyivu ikhawuleza kangakanani kune-oveni yesitovu? _____ imizuzu.

Imisebenzi yakusasa.

Kusasa ngoMgqibelo uMusa noPalesa bancedisa umama wabo endlwini. Umsebenzi ngamnye uqhuba ixesha elingakanani?

	Ukuqalisa	Isiphelo	Ixesha elingakanani?
Ukwenza isidlo sakusasa	6:15	6:40	
Ukuhlamba izitya	7:20	8:05	
Ukucoca igumbi lokuphekela	8:20	9:15	
Ukucoca igumbi lokuhlambela	10:00	10:25	
Ukucoca amagumbi okulala	11:30	12:15	

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 88 2014/06/24 3:20 PM

3 Nkcenkceshela isitiya.



Ithumbu lokunkcenkcesha linokusebenzisa iilitha ezinokufikelela kuma-30 zamanzi ngomzuzu omnye!

Ithumbu lamanzi linokusebenzisa iilitha ezingaphi zamanzi:

Ngemizuzu emi-2 _____ yeelitha.

Ngemizuzu emi-2 $\frac{1}{2}$ _____ yeelitha

Ngemizuzu emi-5 _____ yeelitha

Ngemizuzu eli-10 _____ yeelitha.

4 Ikhari yokupheka.

UTata kaBabu wenza ikhari aze ayithengise. Kwiveki enye usebenzisa i-oyile engama-750 ml. Ubhala phantsi ukuba usebenzisa i-oyile engakanani ngosuku ngalunye.

ngoMvulo	ngoLwesibini	ngoLwesithathu	ngoLwesine	ngoLwesihlanu	ngoMgqibelo	ngeCawe
98 ml	122 ml	108 ml	117 ml	109 ml	135 ml	?

a. Zingaphi iimililitha (ml) ze-oyile azisebenzisayo ukusukela ngoMvulo ukuya kutsho ngeCawe?
_____ ml

b. Zingaphi iimililitha (ml) ze-oyile azisebenzisayo ngeCawe? _____ ml

c. Ibhotile ye-oyile enye eziimililitha (ml) ezingama-750 ixabisa i-R18,50.
Ingaba iibhotile ezi-4 ziyimalini? _____.

Qwalasela!
Thelekisa!
Lungisa!

Teacher:
Sign:
Date:

11 12 13 14 15 16 17 18 19 20

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 89 2014/06/24 3:20 PM

107

Umhla:

Ukusebenza ngemali

Bala imali eziinkozo nengamaphepha.

10 × 10c = R1	20 × 10c = R	50 × 10c = R	100 × 10c = R
10 × 20c = R	20 × 20c = R	50 × 20c = R	100 × 20c = R
10 × 50c = R	20 × 50c = R	50 × 50c = R	100 × 50c = R
10 × R1 = R	20 × R1 = R	50 × R1 = R	100 × R1 = R
10 × R10 = R	20 × R10 = R	50 × R10 = R	100 × R10 = R

100 × 10c = R_____	100 × 50c = R_____	100 × R10 = R_____
100 × 20c = R_____	100 × R1 = R_____	

Uhambo ngololiwe

UKgethi kunye nabantwana bakhe aba-3 bakhwela uloliwe.

Abantu abadala nabantwana babhatala imali efanayo.

UKgethi ubhatala ngale mali ingamaphepha.

Ufumana itshintshi engama-R30.

Liyimalini itikiti elinye? Phawula (✓) impendulo echanekileyo:

a. R90 _____ b. R32 _____ c. R80 _____ d. R45,50 _____

Qwalasela!
Thelekisa!
Lungisa!

1 2 3 4 5 6 7 8 9 10

XHO MATHS G3 B2 9781431501496.indb 90 2014/06/24 3:20 PM

Isirhoxo sikaSandile

USandile ubhala phantsi yonke ingeniso yakhe kwitheyibhile.
Uqala aqikelele, aze abale ingeniso yakhe yemihla ngemihla. Ingeniso yimali esiyifumanayo. Nceda uSandile agqibezele izibalo zakhe. Bhala iimpendulo kule theyibhile:

		Uqikelelo	Itotali
